

Usapho



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Gen. 3:1–15, 2 Kor. 4:6, Luka 1:26–38, Mat. 1:18–24, Efese 4:15, 1 Yohane 3:18, Duteronomi 6.

Indima Yenkumbulo:

“Nyana wam, yiva uqeqesho lukayihlo, ungawulahli umyalo kanyoko” (Imizekeliso 1:8).

Singabantu, sisoloko (ngokufanelekileyo) sifunda. Kakuhle, ubomi ngokwabo busisikolo. “Kususela kumaxesha angaphambili, abanyanisekileyo kwaIsrayeli babenika ingqwalasela enkulu kwimfundo yolutsha. UYehova wayeyalele ukuba, kwasebusaneni, abantwana kwakufuneka bafundiswe ngokulunga kwaKhe nobukhulu baKhe, ngakumbi njengoko kutyhilwe emthethweni waKhe, okwaboniswa kwimbali kaIsrayeli. Ingoma nomthandazo nezifundo eziphuma eziBhalweni kwakufuneka zisetyenziswe ekuvuleni ingqondo. Ooyise noonina kwakufuneka babafundise abantwana babo ukuba umthetho kaThixo ukukubonakala kwesimilo saKhe, nokuba, njengoko babefaka imithetho-siseko yomthetho entliziyweni, umfanekiso kaThixo wawuzotywa engqondweni nasemphefumleni. Imfundiso eninzi yayithethwa; kodwa ulutsha lwalukwayifunda imibhalo yamaHebhere; kwaye iincwadi ezisongwayo zeemfele zeTestamente eNdala zazivulwa ukuba bazifunde.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 69.

Kuninzi lwembali yoluntu, imfundo yenzeka kakhulu emakhaya, ngakumbi kwiminyaka yokuqala. Ithini iBhayibhile ngemfundo yosapho, ingumthetho-siseko othini esingafumana wona kuyo, nokuba injani imeko yosapho lwethu?

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 10.*

Usapho Lokuqala

Asinikwanga nkcukacha—nakanye, ngokwenene kumaphepha okuqala esiBhalo ngokubhekiselele kuhlobo lwemfundo yosapho eyayyqhubeka ngemihla yokuqala kwimbali yoluntu, nangona sinokuqiniseka ukuba kwakukwimilo yosapho ngokwalo apho yayisenzeka khona imfundo ngelo xesha lamandulo. “Uhlelo lwemfundo eyayimisela e-Eden lwalizanze elusatsheni. UAdam waye ‘ngunyana kaThixo’ (Luka 3:38), kwaye kwakukuYise apho abantwana bafumana okona kufundiswa kuphezulu. Esabo, ngokwenene ngenene, yayisisikolo sosapho.” —Ellen G. White, *Education*, p. 33. Nangona singazi ngokuqinisekileyo ukuba kwakufundiswa ntoni, singaqiniseka ukuba yayinokwenza nemimangaliso yendalo kwaza, emva kwesono, yalicebo losindiso.

Zifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo, inokuba yintoni eyenza ukuba zibe yinxalenye yemfundo uAdam noEva abayinika abantwana babo? Genesis 1–2, Gen. 3:1–15, 2 Kor. 4:6, Luka 10:27, Gal. 3:11, IsiTy. 22:12.

“Uhlelo lwemfundo eyamisela ekuqalekeni komhlaba lwaluza kuba ngumfanekiselo womntu kulo lonke ixesha elilandelayo. Njengomzekelo wemithetho-siseko yayo, isikolo esingumfanekiselo sasekwa e-Eden, ikhaya labazali bethu bokuqala.” —Ellen G. White, *Education*, p. 20. Imfundo yobuKristu ikukuzinikela ekufundiseni iintsapho namalungu imfundiso, unqulo, ukufundisa, ulwalamano, uvangelo nokukhonza. Ekhaya kulapho ulungiselela kumalungu osapho ngothando nezithembiso zikaThixo. Kulapho uYesu avezwa khona ebantwaneni njengeNkosi noMsindisi noMhlobo, nalapho iphakanyiswa khona iBhayibhile njengeLizwi likaThixo. Usapho kulapho ubonisa khona ukuba lunjani ulwalamano oluphilileyo noBawo wethu osemazulwini.

KuGenesis 4:1–4, sinoKayin no Abheli bobabini bezisa iminikelo yabo kuYehova. Singaqiniseka ukucinga ukuba bafunda ngentsingiselo nokubaluleka kweminikelo njengenxenye yemfundo engecebo losindiso. Kakade, ngokubonakala ebalini, imfundo elungileyo ayisoloko ikhokelela kuhlobo lwesiphumo aye athembe sona umntu.

Nokuba injani imeko yekhaya lakho, zinto zini onokuzikhetha ukuze libe yindawo apho ifundiswayo iphilwe inyaniso?

Ubuntwana BukaYesu

IsiBhalo sisinika inkcukacha encinane kakhulu ngobuntwana bukaYesu. Okuninzi ngaloo minyaka kuhleli kuyimfihlelo. Phofu, sikrotyisiwe kancinane kwisimilo sabazali baKhe basemhlabeni, uMariya noYosefu, kwaye oko sikufundayo ngabo kwenza sikwazi ukuba nesikuchazayo ngobuntwana baKhe kwanemfundo yokuqala.

Zisifundisa ntoni ezi ndima ngoMariya noYosefu nokuba zingasinika njani umbono kwindlela uYesu awafundiswa ngayo ngabazali baKhe?

Luka 1:26–38

Luka 1:46–55

Mat. 1:18–24

Ngezi ndima, siyakwazi ukubona ukuba uMariya noYosefu bangamaYuda athembekileyo, awayefuna ukuphila ngokuthobela umthetho nemiyalelo kaThixo. Kwaye ngokwenene, wathi akuza kubo uYehova wabaxelela ngokuza kwenzeka ngabo, ngokuthembeka bakwenza konke abakuxelelwayo.

“Umntwana uYesu akazange ayifumane imfundo kwizikolo zezindlu zesikhungu. Umama waKhe waba yititshala yaKhe yokuqala engumntu. Emilebeni yakhe nakwiincwadi ezisongiweyo zabaprofeti, wafunda ngezinto zasezulwini. Kwa-amazwi awayethethwe nguYe ngokwaKhe kuMoses esiya kuIsrayeli kwakufuneka ngoku uYesu ewafunde ephezu kukanina. Ekuqhubekeni kwaKhe ukusuka ebuntwaneni esiba ngumntu omtsha, akazange azifune izikolo zoorabhi. Wayengayidingi imfundo efunyanwa kumajelo angalawo; kuba uThixo wayengumfundisi waKhe.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 70.

Akuthandabuzeki ukuba babeziitshala ezilungileyo ezithembekileyo emntwaneni, njengoko liveza ibali kuLuka 2:41–50, kwaye kuninzi ababengakuqondi ngoNyana wabo, kuba uYesu wayenolwazi nobulumko awalunikwa yiNkosi.

Funda kwakhona isicatshulwa sikaEllen G. White ngasentla. Siziqamangela njani iingqondo zethu ngoko akubhalileyo apho okungendlela awafunda ngayo emadolweni kamama waKhe (uYesu) amazwi Yena ngokwaKhe awawathethayo? Kusixelela ntoni oku ngothando olumangalisayo lukaThixo? Simele ukusabela njani thina zidalwa ziwileyo nezinesono?

Uqhagamshelano

Ngendlela eyiyo, imfundo nakweliphi izinga, iluqhagamshelano. Ititshala yiyo enolwazi, ubulumko, ukufundisa, iinkcukacha, nokuba yintoni, emayiyigqithisele kumfundi. Ozaliswe lulwazi oluninzi kufuneka akwazi ukuludlulisela kwabanye; kungenjalo, kunceda ntoni konke akwaziyo, ngokwasekufundiseni? Kwelinye inqanaba, phofu, ubuchule bokufundisa abuphelelanga ekukwazini ukugqithisa. Kukwabalulekile kuyo yonke inkqubo ukwakha ulwalamano. “Ititshala eyiyo inako ukubanika abafundi bayo izipho ezimbalwa ezibaluleke kakhulu njengesipho sobayo ubudlelane. Kuyinyaniso ngamadoda nabafazi, kude kube ngaphezulu ngolutsha nabantwana, ukuba kuphela xa sihlangana ngovelwano esinokuthi sibaqonde; kwaye siyakudinga ukuqonda ukuze sibenegalelo elinempumelelo enkulu kakhulu.”—Ellen G. White, *Education*, p. 212.

Ngamanye amazwi, ukufundisa okulungileyo kusebenza kumgangatho wemvakalelo nomntu, kanjalo. Kwimeko yosapho njengesikolo, oku kubaluleke kakhulu. Ubudlelane obulungileyo kufuneka bakhiwe phakathi komfundi netitshala. Ubudlelane buyamiliselwa buphuhliswe ngoqhagamshelano. Xa amaKristu engaqhagamshelani noThixo, njengokufunda iBhayibhile okanye ukuthandaza, ubudlelane bawo buyoma. Iintsapho ziyayidinga inkokelo yezulu ukuze zikhule elubabalweni nasekumazini uKristu.

Funda ezi ndima zilandelayo. Yintoni esinokuyifunda kuzo engendlela yokwakha uqilima lobudlelane beentsapho (okanye naluphi uhlobo lobudlelane)? Nd. 37:7–9; Imiz. 10:31, 32; Imiz. 27:17; Efese 4:15; 1 Yohane 3:18; Tito 3:1, 2; Yakobi 4:11.

Ukuthabatha ixesha kuhlwayelwa imbewu efanelekileyo yoqhagamshelano akuyi kulungiselela amalungu osapho kuphela ubudlelane bawo noKristu, kodwa kwanokunceda ukukhulisa ubudlelane phakathi kwawo elusatsheni. Kuya kuvula amajelo oqhagamshelano olungenza wonwabe xa abantwana bakho befikisa nasebudaleni. Kude kuthi nokuba akunabo abantwana, imithetho-siseko efumaneka kwezi ndima inokusebenza kuzo zonke iindidi zobudlelane.

Cinga ngokuba kutheni ingekuphela koko sikuthethayo okubalulekileyo kodwa nendlela esikuthetha ngayo. Ufunde ntoni kwiimeko apho oko wakuthethayo kwasuka kwayonakalisa mpela loo nto wawuyithetha, nokuba wawuyithetha kakuhle?

Indawo Yabazali

“Nani boyise, musani ukubacaphukisa abantwana benu; bondleleni ekuqeqesheni nasekukhululekeni kweNkosi” (Efese 6:4). “Umfazi onesidima ngubani na ongamfumanayo? Lingaphezulu nakwikorale ixabiso lakhe” (Imiz. 31:10, NKJV).

Abazali banomthwalo onzima kakhulu. Utata uyintloko yosapho, lona usapho lusisitiya sebandla, lesikolo, nomphakathi. Ukuba utata akanamandla, akakhathali, akakwazi kwenza nto, usapho, ibandla, isikolo nomphakathi ziya kuvuna iziphumo. Ootata kufuneka bazame ukubonakalalisa isiqhamo sikaMoya—“uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeke kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa” (Gal. 5:22, 23). Oomama, nabo, mhlawumbi banendawo ebaluleke kakhulu emphakathini wonke. Banempembelelo enkulu ekubumbeni izimilo zabantwana babo nasekwakheni umoya nemo yekhaya. Ootata bamele ukwenza konke abanako ukusebenza noomama ekufundiseni abantwana babo.

Yintoni enokufundwa ngootata noomama kwezi ndima? Efese 5:22, 23, 25, 26; 1 Kor. 11:3; 2 Kor. 6:14; Roma 13:13, 14; 2 Pet. 1:5–7; Phil. 4:8.

Abazali abangamaKristu banoxanduva lokuziphatha ukuze banike isibonelo sikaKristu ngokweBhayibhile ekhaya nasebandleni ngendlela abaziphethe ngayo. Ubudlelane babo emtshatweni bungumfuziselo wobudlelane bukaKristu nebandla. Xa abazali besala ukukhokela okanye ukuba bakhokela ngokungqwalalala, bazobela abantwana babo nehlabathi umfanekiso wobuxoki ngoKristu. UThixo uyalela abazali abangamaKristu ukuba bakhuthale ekufundiseni abantwana babo (bona uDut. 6:7). Abazali banoxanduva lokubafundisa abantwana babo ukuba bayithande iNkosi ngentliziyo yabo yonke. Kufuneka babafundise ukuba bayoyike iNkosi, ukuzinikela ngothando okupheleleyo nokuziyekela kuYo. KuDuteronomi 6:7, abantwana bakwalsrayeli banikwa imiyalelo eqinisekileyo ngokufundisa abantwana babo ngokubhekiselele kwizinto ezinkulu uYehova awazenzela abantu baKhe. Nokuba likhulu kangakanani ibali ekufuneka abadala belibalisele abantwana babo, thina, baphile emva komnqamlezo kaKristu, sinelingcono kakhulu ukuba silibalise, akunjalo? Ngoko ke, impiliso okanye ingqeqesho ekufuneka siyinikile sisiganeko esiqhubekayo esenzekayo esithi kuso sithululele inyaniso kaThixo ebantwaneni bethu nokubalungiselela obabo ubudlelane noKristu. Ekugqibeleni, phofu, sonke sinikwe isipho esingcwele sentando ekhululekileyo. Ekugqibeleni, xa bebadala, abantwana bethu baya kuziphendulela ngokwabo phambi kukaThixo.

Hleze Nilibale

Phambi kokuba abantwana bakaIsrayeli bangene eZweni leDinga, waphinda uMoses wathetha nabo, ebalula iindlela ezimangalisayo awathi uYehova wabakhokela ngazo, waza wabayala, ephindaphinda, ukuba bangazilibali izinto uYehova awabenzela zona. Ngeendlela ezininzi, uDuteronomi ungumyolelo kaMoses. Nangona yabhalwa kwiinkulungwane ezadlulayo, kwinkubeko nemeko yobomi eyahluke kakhulu kuyo yonke into esijongene nayo namhla, yona imithetho-siseko iyasebenza nakuthi.

Funda uDuteronomi 6. Yintoni esinokuyifunda kwesi sahluko ngemithetho-siseko yobuKristu kwimfundo? Yintoni emele ukuba ngumbindi wako konke esikufundisayo, kungekuphela nje kubantwana bethu kodwa kuye wonke ongayaziyo esiyaziyo ngoThixo nezenzo zaKhe ezikhulu zosindiso? Zizilumkiso zini nazo ezifunyanwa kwezi ndima?

God Kwakusembindini kakhulu kubo bonke ukuba bakufundise abantwana babo ukuba kwakumangalisa ukusebenza kukaThixo phakathi kwabo. Kanti ke, sasikwacacile isilumkiso abasinikwayo sokuba bangakulibali konke awabenzela kona uThixo. Phofu ke, ukuze abazali bakwazi ukuyidlala indawo yabo enkulu yokuqala ekuhlanganiseni iimfundiso zeBhayibhile ebomini babantwana babo, kufuneka babe nomthwalo wokuqoqa balungise obabo ubomi ngendlela eza kwenza babe nolwazi olwaneleyo nexesha lokulichitha nabantwana babo. “Ititshala yokuqala yomntwana ngumama. Ngexesha lethuba lokuginya konke okukhulu kakhulu nokona kukhula ngamandla kundlondlobala kakhulu, imfundo yakhe (umntwana) kakhulu isezandleni zakhe(umama).”—Ellen G. White, *Education*, p. 275. Lixesha elihle eli xa abazali belungiselela kubantwana babo ngothando namadinga kaThixo. Ukubekela bucala ixesha eliqinisekileyo nelithe rhoqo ukuba nifundise ubulumko namadinga kaThixo ngokwenu ebantwaneni benu, oko kuya kuba negalelo elihle kusapho lwenu kuse kwizizukulwana ezilandelayo.

Funda le ndima: “Uze uwatsolise koonyana bakho, uthethe ngawo ekuhlaleni kwakho, nasekuvukeni kwakho” (Dut. 6:7). Ithini ingongoma apha, kwaye imele ukusixelela ntoni ngendlela ekubaluleke ngayo ukusoloko sibubeke phambili ubunyaniso bukaYehova, kungekuphela phambi kwabantwana bethu, kodwa nakuthi?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, “Preparation,” pp. 275–282 in *Education*; “Cooperation,” pp. 283–286 in *Education*; “Discipline,” pp. 287–297 in *Education*. “Phezu kootata nakoomama kukho umthwalo wokuqeqeshwa komntwana ebuncinaneni nasebudaleni, nokuba kubo bobabini abazali kukho isidingo sokulungiselela ngononophelo nangokuqinisekileyo ngokukhawuleze kakhulu. Ngaphambi kokuba bathabathe uxanduva lokuba ngutata nokuba ngumama, amadoda neentokazi bonke kufuneka beqhelene nemithetho yokukhula komzimba . . .; kufuneka kanti bayiqonde imithetho yokukhula kwengqondo nengqeqesho yokuziphatha.”—Ellen G. White, *Education*, p. 276. “Umsebenzi wokuphathisana emsebenzini kufuneka uqale ngomama notata ngokwabo, ekuphileni ekhaya. Ekuqeqesheni abantwana babo banomthwalo omnye ohlangeneyo, kwaye kufuneka bazingise ukuzama ukusebenza kunye. Mabaziyekele kuThixo, bafune uncedo kuYe ukuba baxhasane . . . abazali abanika le nqeqesho abanako ukufumaneka begxeka ititshala. Bayaqonda ukuba kokubini, okuthandwa ngabantwana babo nobulungisa esikolweni kufuna ukuba, kangangoko kunokwenzeka, bamxhase bamnike imbeko lowo wabelana nabo kuxanduva lwabo.”—Ellen G. White, *Education*, p. 283.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Nokuba sinabo okanye asinabo abantwana, sonke sikho kwindawo esihlala kuyo, kwaye sonke siyahlangana nabanye. Yintoni oyifundileyo kwisifundo sale veke enokukunceda ukuba uhlangane okanye ungqine kwabanye, nokuba kulapho uhlala khona okanye kwenye indawo?
2. Sikhohisa ukuyibona imfundo njengento elungileyo. (Ngapha koko, ngubani onokuyichasa imfundo?) Phofu ingaba kuhlala kunjje? Ingaba yeyiphi imizekelo yemfundo ethe yagqwethwa yaba yinto embi? Yintoni esinokuyifunda kule mizekelo ibheke ecaleni enokusinceda ukuba siyenze imfundo ibe yinto elungileyo?
3. Njengoko bekutshiwo kwisifundo sangoLwesithathu, sonke sinikwe isipho esingwele sentando ekhululekileyo. Kungekudala, xa abantwana beba lututsha oludala okanye abantu abadala, baya kwenza ezabo izigqibo ngokubhekiselele kuThixo ababefundiswe ngaYe bonke ubomi bobuncinane babo. Kungani, ke ngoko, ukuba bonke abazali—bonke, ngokwenene—abafuna ukungqina kwabanye nokufundisa abanye iindaba ezilungileyo kufuneka bayikhumbule le nyaniso ibalulekileyo ngentando ekhululekileyo?